

# Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

IsiXhosa/English

| EyoMdumba 2017 Edi-

## Transforming the education sector

**GOVERNMENT IS SET** on improving the education sector to ensure that children get quality education in order to live a better life.



Government strives to provide quality education to all South African learners so that the country can win the fight against unemployment, poverty and inequality.

### More Matshediso

**P**resident Jacob Zuma says the South African government will always prioritise education because it is only through quality education that the country can win the fight against unemployment, poverty and inequality.

The President was speaking at the three-day Basic Education Sector Lekgotla held in Pretoria recently.

The Lekgotla was aimed at aligning the sector's plans with the National Development Plan (NDP). The 2017 Lekgotla is also a platform for role players in the basic education sector to address issues that include the learn-

er dropout rate and grade repetition.

Representatives from the Basic Education Ministry, MECs from across the country, heads of department from provincial education departments, district directors and other stakeholders came together under one roof to share ideas on improving the sector.

President Zuma said education is the primary weapon in the struggle for economic transformation and in the quest for a better life for all, especially the poor.

"It is for this reason that education gets the biggest slice of the national budget. Education is the ladder out of poverty and economic stagnation."

President Zuma highlighted progress made in education over the past 22 years.

"We have made progress towards universal coverage of school-going children. We have made progress in the introduction of Early Childhood Development.

"We have progressively worked towards eliminating mud schools and inappropriate school structures, replacing them with state-of-the-art buildings, especially in historically neglected areas.

"We have also expanded access to free education for children from poor households. No child must be denied basic education because their parents are poor or deceased," said the President.

**> Cont. page 2**



**Post-matric opportunities for potential artisans**

Page 6



**No more queues for chronic medication**

Page 7



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

Vuk'uzenzele

Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)

[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)

E-mail: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)

Tel: (+27) 12 473 0089

**Free Copy**

## STATE OF THE NATION ADDRESS

Read all about the State of the Nation Address in the upcoming March Edition.

Together we move South Africa forward



# Sibambisene silwa ulwaphulo-mthetho

**IZIKO ELITSHA LAMAPOLISA** kaMasipala lase-Ekurhuleni liza kuvala umsantsa phakathi kwa-bahlali, uMbutho wamaPolisa oMzantsi Afrika (i-SAPS) kunye neSebe lamaPolisa lesiXeko sase-Ekurhuleni.

## Nonkululeko Mathebula

**A**bahlali base-Zonkizwe Ekurhuleni, eMpuma yeRhawuti, akusazi kufuneka ukuba bahlambe imigama emide ukuze bafike kwisikhululo samapolisa. Endaweni yoko baza kufumana iinkonzo zamapolisa imini nobusuku.

UMasipala Ombaxa wase-Ekurhuleni uvule iziko lamapolisa elixabise izigidi zeerandi kule ngingqi ukuze omeleze amalinge okulwa ulwaphulo-mthetho kunye neminye imikhuba engakhiyo kunye nokuqinisa ubudlelwane phakathi kweSebe laMapolisa kaMasipala ase-Ekurhuleni, i-SAPS kunye noluntu.

Isithethi sikaMasipala wase-Ekurhuleni uThemba Radebe uthi eli ziko lixabise izigidi ezingama-20 zeerandi siza kukhokelela kukhuseleko olungcono kumntu wonke.

“Eyona nto sifuna ukuyenza ekugqibeleni kukwenza ukuba idabi lokulwa ulwaphulo-mthetho likhokelwe ngabantu uqobo into leyo iza kwenza ukuba kube nzima kwizigila-mkhuba ukuba zenze ulwaphulo-mthetho, futhi balwe kunye nabo bangayihloniphiyo imithetho kamasipala. Oku singakwenza ngempumelelo ngoncedo loluntu kuphela.”

Nangona amagosa ezendlela ase-Ekurhuleni asebenzela kweli ziko eza kuzithathela amanyathelo izenzo zolwaphulo-mthetho, awazikuthatha indawo ye-SAPS. Aza kuncedisa nje ekuqinisekiseni ukuba iinkonzo ziyahanjiswa.

Ethetha noluntu ngethuba kuphehlelelwa eli ziko litsha, iLungu leKomiti kaSodolophu (i-MMC) lezoKhuseleko loLuntu, uCeba uVivian Chauke, wathi eli ziko lilinyathelo elisisondeza kwiphupha lokuliphumelela idabi lokulwa ulwaphulo-



Iziko lamaPolisa kaMasipala lase-Ekurhuleni liza kuqinisekisa ukuba uMbutho wamaPolisa oMzantsi Afrika, uluntu kunye namaPolisa kaMasipala ase-Ekurhuleni balwa ulwaphulo-mthetho bebambisene.

mthetho waze walumkisa nabo bophula imithetho kamasipala ukuba bohluwane nalo nto, bayithobe.

“Imisebenzi yethu ephambili kukuqinisekisa ukuba akukho nje umthetho nocwangco kuphela koko senza abantu bakuthi ukuba bawathembe amanyathelo okungenelela ezokhuselo

nokhuseleko esiwaqalisileyo.

“Sikwafuna nokusebenzisa eli ziko ukuze sivale umsantsa okhoyo phakathi koluntu nee-arhente zogcino-mthetho kwaye siyathemba ukuba amalinge afana nala aza kuza neziphumo ezincumisayo,” utshilo uChauke.

Umhlali walapha uMshumayeli uPaul Sikhosana, ohlala ePalm Ridge Extension

5, ulithakazelele eli linge watsho esithi liza kulunceda kakhulu uluntu.

“Phambi kokwakiwa kweli ziko amatyala sasiwafaka kwiSikhululo samaPolisa sase-Eden Park. Siyavuya ngoku kuba akuzikubakho mfuneko yokuba sihambe imigama emide ukuze sifumane uncedo,” utshilo lo Mthanjiswa weNkosi. **U**

## KZN youth get connected

**YOUNG PEOPLE** living in KwaZulu-Natal stand to benefit from a recently-launched multi-million rand WiFi service project.

### Thandeka Ngobese

**A**R30 million free WiFi service will be launched across the eThekweni Municipality, including townships and rural areas.

The data limit will begin at 250 megabytes a day per device, in the pilot phase.

Mayor Zandile Gumede said the project will be rolled out in phases. The pilot phase includes the laying of fibre optic cable, with the City having rolled out over 1 500 kilometres of fibre optic cables to date.

“This has enabled the City to connect all public facilities and to provide free WiFi in all municipal libraries. We expect to launch free WiFi in major townships,

rural areas and areas around universities or where there is a high concentration of students,” she said.

The City also plans to set up 750 WiFi access points within the next three years.

“We believe this will help young people to search for jobs online and will help school children with their school work.”

Thokozani Zulu (27) said this is a great initiative.

“Most young people in the townships are unemployed and they need Internet access to seek jobs online. Almost everything is done digitally nowadays and other people could even benefit from this; they could start their own online businesses and market themselves,” he said.

Zimisele Ndlovu (33) said

young people need to be able to access the Internet wherever they are.

**“We believe this will help young people to search for jobs online and will help school children with their school work”**

“Digital life has made life easier for everyone but accessing Internet in the townships is a mission. Sometimes I have to come all the way to the library to get connected and do my university work. It would be great to have WiFi hot-spots on every corner of the township so that we can all get unlimited connection and do our work,” he said. **U**



University students will benefit from the free WiFi service launched by eThekweni Municipality.

# Ugqirha oNtsundu obhinqileyo wenza imbali

**IGQIYAZANA LIKAGQIRHA** lenza imbali ngokusebenzisa uhlobo olungaqhelekanga lokunyanga KwaZulu-Natal.

Thandeka Ngobese

**U**Gq Pretty Mkhize (oligqiyazana elineminyaka engama-33) wenze imbali ngokuba ngugqirha wokuqala obhinqileyo ontsundu ukuvula indawo yokuxilonga nge-homeopathy KwaZulu-Natal.

I-homeopathy uhlobo lonnyango olunyanga ngokuxilonga umzimba uwonke ngendlela esebenzisa amayeza endalo. Amayeza asetyenziswa kwi-homeopathy enziwe ngezinto ezifunyanwa kwimifuno, izimbiwa nakwizilwanyana.

UGq Mkhize uxelele intatheli ye-Vuk'uzenzele ukuba ekuqaleni wayefuna ukuba ngugqirha onyanga zonke izifo kodwa waye akathathwa kwicandelo lezobugqirha edyunivesiti ngenxa yoku-



UGq Pretty Mkhize ngugqirha wokuqala oNtsundu obhinqileyo ukuvula amagumbi kagqirha we-homeopathy KwaZulu-Natal.

ba isicelo sakhe esithumele sele kuvaliwe.

“Ndaye ndagqiba kwelokuba ndenze izifundo ze-homeopathy. Emva kokufunda eDurban University of Technology iminyaka emithandathu, ndaye ndathweswa isidanga njengogqirha we-homeopathy ndaze ndalizalisekisa iphupham lokuba ngugqirha.”

Waye emva koko wavula

indawo yakhe yokuxilongela e-Umlibo.

UGq Mkhize uthi uninzi lwabantu abanyangayo ngabantu abaneNtsholongwane kaGawulayo (i-HIV), isifo seswekile kunye nomhlaza abasebenzisa amayeza esiNtu kodwa abaneengxakana ngawo la mayeza.

“Amayeza endawanika abantu endibanyangayo enzi-

we ngezinto zendalo. Awakhabani nala abantu bawasebenzisayo ezifo ezinganyangekiyo. Amayeza wethu awanyangi nje kuphela eso sifo siboniweyo koko anyanga umzimba wonke, oko kukuthi ingqondo kunye nomphefumlo,” utshilo.

UGq Mkhize uthi nangonanj

**“Amayeza wethu awanyangi nje kuphela eso sifo siboniweyo koko anyanga umzimba wonke, oko kukuthi ingqondo kunye nomphefumlo.”**

engazange athathwe kwicandelo lezobugqirha edyunivesiti kodwa uphele engumhlohli wabafundi abenza unyaka wokuqala kwezobugqirha e-Nelson R Mandela

School of Medicine kwi-Dyunivesiti yaKwaZulu-Natal (e-UKZN) emva kokuba ethweswe isidanga.

“Ndifundisa abantwana abafundela ubugqirha kuba ndingugqirha. Abanye abantu abayazi indlela esisebenza ngayo. Sivavanya igazi size silalise abantu esibhedlele xa kukho imfuneko. Ukuba kufuneka umntu ogulayo ndimthumele kwingcali yezonyango ethile, oko ndiyakwenza,” utshilo.

UGq Mkhize uthi isizathu sokuba aphumelele kukusebenza nzima nokuba namaphupha.

“Kubalulekile ukuba uhlale uyazi into oyifunayo ukuze ukwazi ukwenza izicwangciso ngobomi bakho. Abazali bam bandifundisa ukuba unakho ukuwafezekisa amaphupha akho, ukuba nje uyayimisa ingqondo,” utshilo. ▀

## Iphelisiwe imigca yamayeza ezifo ezinganyangekiyo

**ISEBE LEZEMPILO** laseMntla Ntshona lityikitye isivumelwano neenkampani zabucala ngelinge lokuqinisekisa ukuba amayeza afumaneka lula ebantwini abawesebenzisayo.

Albert Pule

**A**abantu abasebenzisa amayeza ezifo ezinganyangekiyo eMntla Ntshona baza kwazi ngoku ukuya kuthatha amayeza abo kuyo nayiphi na ikhemesti yakwaMedirite ekwaShoprite kunye neekhemesti zakwaClicks, kulo lonke eli phondo.

Oku kwenzeke ngenxa yenkqubo yokuHambisa nokuSasaza Amayeza eZifo Ezinganyangekiyo eLawulwa Endaweni Enye (i-CCMDD), eyaqaliswa ukusetyenziswa liSebe lezeMpilo lephondo laseMntla Ntshona.

Isithetho seli sebe uTebogo Lekgethwane uthe i-CCMDD iza kuphungula imigca emide ezibhedlele naseziklinikhi ize isindise abantu abaninzi ekuhlawuleni iindleko zokuhamba imigama emide beyokufuna amayeza abo.

“Akusazikubakho mfuneko yokuba abantu beme emigceni kwiziko lezempilo ukuze bafumane amayeza abo ezifo ezinganyangeki-

yo. Ngoku bangazikhetela indawo ekufutshane kubo kwezi zikhankanyiweyo abaza kuya kuthatha amayeza abo kuzo.

“Le nkqubo yenye yamacebo amatsha esiwazamayo ukwenzela ukuba amayeza ezifo ezinganyangekiyo afume neke lula kunye nokuphucula umgangatho weenkonzozempilo kunye nohanjiso lweenkonzo. Ukusetyenziswa kwezi ndawo kuthathwa kuzo

**“Akusazikubakho mfuneko yokuba abantu beme emigceni kwiziko lezempilo ukuze bafumane amayeza abo ezifo ezinganyangekiyo.”**

amayeza kuza kuphungula nomthwalo kumaziko karhulumente ezempilo nakoonompilo kwaye kwenzela lula abantu abasebenzisa la mayeza.”

Ukuba umntu akakwazi ukuya kuthatha amayeza akhe, uyakwazi ukukhetha omnye



umntu oza kuya kumthathela amayeza.

“Umntu ngamnye osebenzisa la mayeza unokukhetha ukutyumba umntu wakowabo ambhalise ukuze akwazi ukuya kumthathela amayeza.”

Isebe lithi le nkqubo iza neziphumo ezincumisayo.

“Eli phondo linabantu ababhalise kwinkqubo ye-CCMDD abamalunga nama-80 000, kwaye isetyenziswa kakhulu kwiSithili sePlatinam saseBojanala. Kulo mmandla ngabantu abangama-29 840

abasebenzisa le nkqubo.”

Le nkqubo yaqala yalingwa kwiSithili iDr Kenneth Kaunda (indawo ekwakulingelwa kuyo i-Inshorensi yeSizwe yeZeMpilo (i-NHI)) ngowama-2014. “Esi sithili sibhalise abantu abangama-26 531 kule nkqubo kwaye ngenxa yokuba iqhuba kakuhle kakhulu, iphondo liyayiqalisa nakwezinye izithili.”

Abantu abanomqweno wokuthatha amayeza abo kwindawo ekhupha amayeza ekufutshane kubo kufuneka

babhalise kwiziko lezempilo.

“Akuba umntu egqibile ukubhalisa, uza kufumana umyalezo omfutshane ngeselula, i-SMS, omxelela ukuba makaye kuthatha amayeza akhe kuloo ndawo ayikhetheleyo. Abantu abasebenzisa la mayeza kuza kufuneka baphinde baye kwiziko lezempilo emva kweenyanga ezintandathu ukuya kudibana noogqirha kwakhona baze banikwe nephepha elitsha lokuthatha amayeza,” litshilo isebe. ▀